Isalathiso: 20160331-9105
14/7/1/2
Imibuzo: TJ Magwaca

Isetyhula: 0014/2016
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2016

Iya : KumaSekela Balawuli-Jikelele ; kuBalawuli abaziiNtloko ; kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili) ; kumaSekela Balawuli ; kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kubaPhathi: beZoncedo ngezeKharityhulam; kuBacebisi ngezeKharityhulam, kubaPhathi beeSekethe; kubaPhathi bezeNgcaciso: uKuphathwa noLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule; kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isishwankathelo esifutshane: *Ithayimthebhile yokugqibela namalungiselelo eeMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ngo-Oktobha - Novemba 2016*

Isihloko: Ithayimthebhile namalungiselelo eemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zango-Oktobha-Novemba 2016

1. Fumana ikopi yethayimthebhile **yokugqibela** yeeMviwo zokuXabangela zeMatriki zika-Oktobha -November 2016.

2. Iimviwo zicwangciselwe ukuqala nge-24 Oktobha 2016 ziphele nge-29 Novemba 2016. Iimviwo zepraktikhali ze-*Computer Applications Technology (CAT)* ne-*Information Technology* (IT) *ziya kubhalwa nge-19 ne 20* Oktobha *2016 ngokulandelelanayo*.

3. Zimbini iiseshoni ezicwangciselwe usuku ngalunye. Iiseshoni zakusasa ziya kuqala ngo-09:00 zize ezasemva kwemini ziqale ngo-14:00.

4. Iiklasi eziqhelekileyo maziqhubeke de kube ngowe-14 Oktobha 2016, ukwenzela ukuba kuqhubeke ukufundiswa kangangoko kunokwenzeka. Iintloko zezikolo zingakhetha ukubavumela abafundi beBakala 12 baka-2016 ukuba bafundele ekhaya ukususela nge-17 Oktobha 2016 ukwenzela ukuba balungiselele iimviwo zeNSC.

5. Kucelwa iinqununu nabaphathi bamaziko baxele onke amaxesha angqubanayo kwithayimthebhile (*clashes*) kwiSebe iWCED. Ezo ngxelo mazingeniswe ngeleta ebhaliweyo ungadlulanga uLwesihlanu, we-29 Apreli 2016 kule dilesi ilandelayo:

Head: Education
Attention: Mr TJ Magwaca (Room 5-27)
Western Cape Education Department
Private Bag X9114
Cape Town
8000
Ifeksi: 021 467 9370 / 086 668 9761
Idilesi ye-imeyili: tebo.magwaca@westerncape.gov.za

6. Kufuneka iinqununu zazise bonke abaviwa ababhala iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ukuba mabanxibe iyunifom yesikolo sabo xa bebhala uviwo ngalunye, nokuba mabasoloko befumaneka kude kube lusuku lokugqibela lwekota yesikolo (07 Disemba 2016), ukwenzela ukuba xa kuthe kwakho imfuneko, ngenxa yaso nasiphi na isizathu, kulungiselelwe elinye ixesha lokubhalwa kwephepha loviwo elithile.

ISAYINWE: NGU-PA VINJEVOLD
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2016-04-11